Isalathiso: 20201111-9455
Inombolo yefayili: 13/2/2/2/25
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0019/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: **Ulawulo lokubhalwa koMsebenzi woVavanyo okuMgangatho ofanayo (*Common Assessment Task)* wokuxabangela kwiSifundo soLwazi ngezoBomi *(Life Orientation (LO))* kwiBakala 12 ngo-2020**

1. UMsebenzi woVavanyo okuMgangatho ofanayo (*Common Assessment Task (CAT))* weSifundo soLwazi ngezoBomi (*LO*) wabhalwa ngomhla we-19 Oktobha 2020 ngokweNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0017/2020, yangomhla we-13 Oktobha 2020.

2. Abafundi abangazange bayibhale i-*CAT* ye-*LO* nge-19 Oktobha 2020 ngenxa yesizathu esiphathekayo, baya kuvunyelwa ukuba bayibhale i-*CAT* yokuxabangela ye-*LO,* ecwangciselwe ukubhalwa ngowe-**20 Novemba 2020** ukususela ngo-14:00 ukuya ku-16:00.

3. "Izizathu eziphathekayo" kule meko, zibandakanya oku kulandelayo:
   (a) **ukugula,** okuxhaswa sisatifikethi sokugula *(medical certificate*) esisemthethweni, esikhutshwe ligosa lezonyango elibhalisiweyo (*registered medica lpractitioner*);
   (b) **izizathu eziphenjelelwa luvelwano lobuntu** ezibandakanya ukusweleka kwelungu losapho elisondeleyo kumfundi ezixhaswa yikopi yesatifikethi sokusweleka**;**
   (c) umfundi **oya kuvela enkundleni yamatyala**, yaye oko makuxhaswe bubungqina obubhaliweyo; okanye

(d) **nasiphi na esinye isizathu esinokwamkelwa njengesizathu esisemthethweni** yintloko yequmrhu lovavanyo okanye ngummeli wayo**.**

4. Ubungqina obungamaxwebhu aphathelele kuzo naziphi na izizathu ezisemthethweni kwezi zingentla makagcinwe efayilini esikolweni yaye makenziwe afumaneke kwaNdlunkulu okanye kwisithili xa kuceliwe.

5. **Ukulawulwa kokubhalwa kwe-*CAT* yokuxabangela ye-*LO***

5.1 Ziyacelwa iinqununu zenze amalungiselelo ayimfuneko okuqhutywa kolu vavanyo yaye maziqinisekise ukuba izikolo zazo ziyayithobela yonke imiqathango nemigaqo emalunga neemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(National Senior Certificate (NSC))*.

5.2 Amaphepha emibuzo e-*CAT* yokuxabangela ye-*LO* aya kukutshelwa kuphela izikolo ezibaxelileyo abafundi ababengekho nge-19 Oktobha 2020. Amaphepha emibuzo okuxabangela aya kunikwa izikolo phambi okanye ngowe-20 Novemba 2020.

5.3 Abafundi abangayibhaliyo i-CAT ye-LO okanye i-CAT yokuxabangela ye-LO ngo-2020 baya kufumana iziphumo ezingaphelelanga ze-LO. Aba bafundi baya kusiphinda isifundo kuqukwa ne-*School-based Assessment (SBA*) ne-*CAT* ye-LO. Kubalulekile ke ngoko ukuba izikolo zibazise kwangexesha abafundi ababengekho nge-19 Oktobha 2020 ukuba babhale i-*CAT* yokuxabangela *ye-LO*.

6. **Ukumakishwa kwe-CAT ye-LO**

6.1 Ii-ofisi zezithili ziya kuzinika izikolo isikhokelo sokumakishwa kwe-*CAT* yokuxabangela ye-*LO*. Ii-ofizi zezithili nazo ziya kuqinisekisa nokuba ukumakishwa kwephepha lokuxabangela, kumodareyithwa ngaphakathi esikolweni kwakunye nangaphandle yi-ofisi yesithili echaphazelekayo.

6.2 Ukumakishwa kwe-*CAT* yokuxabangela ye-*LO* makwenziwe esikolweni, phantsi kweliso lenqununu, kunye notitshala oneqhuzu okanye nentloko yecandelo ebambeleyo njengemodareyitha yangaphakathi.

6.3 Inkqubo yokumakisha iya kuqala xa isikhokelo sokumakisha sifunyenwe. Akukho zingxoxo zingokumakisha ziya kuqhubeka. Kunokuqhagamshelwana nabacebisi besifundo be-*LO* malunga nayo nayiphi na imibuzo emalunga nesikhokelo sokumakishwa kwe-CAT yokuxabangela ye-LO.

6.4 Apho kukho ngaphezu kotitshala omnye ofundisa i-*LO* esikolweni, iinqununu zimele ukuqinisekisa ukuba ootitshala abazimakishi iincwadi zeempendulo zabafundi babo.

6.5 Ukuba isikolo sikhetha uDidi 1 ukwenzela ukurekhodwa kwamanqaku e-*SBA*, amanqaku e-CAT yokuxabangela ye-LO, aya kurekhodwa kwii-*recording sheets* zesifundo se-*LO* ezikhoyo. Amanqaku anokufakwa (*captured*) kwi-*electronic recording sheet* ukuba isikolo asikayifaki (*not uploaded*) i-*recording sheet* yesifundo ukwenzela ukumodareyithwa nokusayinelwa kwayo. Ukuba i-*recording sheet* ifakiwe *(uploaded*) yaye yasayinelwa sisikolo, isiHlomelo A masisetyenziselwe ukungenisa amanqaku e-*CAT* yokuxabangela ye-LO ngesandla.

6.6 Ukuba isikolo sikhetha uDidi 2 ukwenzela ukurekhodwa kwamanqaku e-*SBA*, amanqaku e-CAT yokuxabangela ye-LO, aya kufakwa (*captured*) ngesandla kwiimakhishithi.

7. Nayiphi na imibuzo emalunga nokubhalwa kwe-*CAT* yokuxabangela ye-*LO* mayibheksiwe ku-Mnu Christiaan Klopper ngefoni apha 021 467 2075 okanye nge-imeyili apha: Christiaan.Klopper@westerncape.gov.za

8. Kucelwa wazise ngale ngcaciso kubo bonke ootitshala nabafundi beBakala 12 beSifundo se-*Life Orientation* ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-11-16